bible society of south africa
bybelgenootskap van suid-afrika

1820 - 2020

non-profit company
maatskappy sonder winsoogmerk
company registration no / maatskappy registrasieno
2008/007505/08

BIBLE SOCIETY OF SOUTH AFRICA 200 YEARS

THANKSGIVING PRAYER

Thixo Ongamandla Onke no Ngunaphakade

Siyakubulela ngeNkulungwane yeSibini yeminyaka yomsebenzi weQumrhu leBhayibhile eMzantsi Afrika. Siyakubulela ngesipho sobabalo lwaKho. Sikubulela ngesiqhamo sempathiswano phakathi kwamabandla neQumrhu leBhayibhile. Siyakubulela ngeenguqulelo ezininzi ezigqityiweyo kunye nezigidi ezininzi zeeBhayibhile ezenze inyambalala yabantu ibe nokuliqonda iLizwi laKho. Siyakubulela ngabo bonke abathe basebenza ngokuthembekileyo, nabasasebenza nzima nangoku, ukuwufeza lo msebenzi. Siyakubulela ngabo bonke abawuxhase ngobubele umsebenzi kwilixa elidlulileyo, nabo basanika inkxaso nangoku.

Khokela uwusikelele umsebenzi weQumrhu leBhayibhile, eMzantsi Afrika nakuwo onke amaQumrhu aManyeneyo oBudlelwane beBhayibhile, khonukuze bonke abantu belizwe lakowethu, nabantu bonke bomhlaba, bakuve Wena uthetha kubo ngolwimi lwentliziyo yabo.

Yomeleza bonke abo bakubulungiseleli beBhayibhile, khonukuze ukukhanya kweLizwi laKho kubengezele kwiindawo ezifikelelekayo zomhlaba nakwiingotsi zobumnyama ehlabathini lethu.

Sincede siyiphelise indlala yeBhayibhile. Sikelela umsebenzi wokusasaza kwethu aMawaka amaBini eeBhayibhile, siyakuthandaza.

Ngamana iLizwi laKho “libe sisibane seenyawo zethu”; “ukukhanya emendweni wethu” nentsika yethemba kubo bonke.

Ngamana lonyaka waMawaka aMabini anaMashumi aMabini, esibhiyozela ngawo iNkulungwane yeSibini yomsebenzi weQumrhu leBhayibhile kwilizwe lethu elithandekayo, ibe nguNyaka weBhayibhile inyaniso, uNyaka eliyakuphakanyiswa ngawo iLizwi laKho, neGama laKho lidunyiswe!

Ngenxa kaYesu Krestu iNkosi yethu

Amen

p o box 5500
tyger valley 7536 south africa
head office
134 edward street bellville
chief executive officer
rev dt gevers

biblia@biblesociety.co.za
t +27 (0)21 910 8777
f +27 (0)21 910 8799
www.biblesociety.co.za
www.bybelgenootskap.co.za

posbus 5500
tygervallei 7536 suid-afrika
hoofkantoor
edwardstraat 134 bellville
uitvoerende hoof
ds dt gevers